Isalathiso: 20170323-9374
13/30/1
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0008/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBacebisi ngeZifundo; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abafundi iimviwo ze-*ABET Level 4*

Isihloko: Ukufaka izicelo zezithuba zokuba yimodareyitha yangaphakathi, ummakishi oyintloko nommakishi weeMviwo ukususela ngoNovemba 2017 ukuya kuJuni 2019 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (*ABET*) iNqanaba 4

1. Kucelwa ootitshala, abacebisi ngezifundo nabacwangcisi bezekharityhulam abakhulu abazanelisayo iikhrayitheriya ezicaciswe **kwisiHlomelo A**, benze izicelo zezithuba zokuba ziimodareyitha zangaphakathi, abamakishi abaziintloko, nabamakishi beeMviwo ukususela ngoNovemba 2017 ukuya kuJuni 2019 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (*ABET*) zeNqanaba 4. Fumana apha kuqhotyoshelwe ilisti yeenkalo zezifundo **njengesiHlomelo B**.

2. **Ukungeniswa kwezicelo**

2.1 **Zonke izicelo** mazenziwe kwifom yesicelo eqhotyoshelweyo (**isiHlomelo C**) yaye mazikhatshwe yifom ezaliswe ngokupheleleyo i-*declaration form*, nekopi yayo iqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane **njengesiHlomelo D**.

2.2 **Bonke abenzi-zicelo abatsha mabaqhoboshele la maxwebhu alandelayo kwiifom zabo zokwenza isicelo:**

- Isivi (*curriculum vitae*)
- Ikopi yesazisi (*ID*) sakhe eqinisekisiweyo
- Iikopi/iikopi eziqinisekisiweyo ze(e)rekhodi yezifundo zakhe
- Ikopi eqinisekisiweyo yesatifikethi/iikopi eziqinisekisiweyo zezatifikethi zemfundo

2.3 Izicelo mazingeniswe kule dilesi ilandelayo:

Head: Education
Attention:Ms N Kanase
Directorate: Examinations Administration
Western Cape Education Department
5th Floor (Room 5–29), Grand Central Towers
Lower Parliament Street
CAPE TOWN, 8001

Izicelo mazifike kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ungadlulanga owe-**28 Apreli 2017**.

3. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo malunga nokuqeshwa kwabo yaye kuya kufuneka basayine imvumelwano ne*WCED*. Enye imbalelwano malunga nenkqubo yokumakisha iya kuthi ilandele emva koko.

4. Ukumakishwa kweencwadi zeempendulo zoviwo lwe-*ABET Level 4* ngomnye wemisebenzi ebaluleke gqitha kwinkqubo yoviwo. I*WCED* iyazingca ngokuqesha kwalo abamakishi abanezakhono nobuchule bokwenza lo msebenzi. Ngoko ke, abaphathi bamaziko namanye amagosa amakhulu anika iingcebiso ngabamakishi mabakwenze oku ngokunyaniseka nentembeko (*act in good faith*). Kucelwa uqaphele ukuba ukunika ingcaciso engachanekanga kwifom yesicelo kuya kuthathwa njengobuqhopholo (*fraud*) yaye oko kuya kusingathwa ngokuhambelana mbo noMthetho weNgqesho yooTitshala, ka-1998 (UMthetho 76 ka-1998).

5. Kunyanzelekile ukuba abaphathi bamaziko, abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe nabacebisi ngezifundo bazise okuqulathwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukwenzela ukuba babe nolwazi ngeekhrayitheriya zengqesho phambi kokungenisa izicelo. ICandelo loLawulo lweeMviwo alinako ukwamkela ubutyala ukuba ootitshala abaziswanga ngokuqulathwe yile ngcaciso imfutshane.

6. I-*WCED* ithembele kwintsebenziswano nenkxaso yenu kulo mba ubaluleke kangaka.

ISAYINWE: NGU-T SINGH
USEKELA-MLAWULI JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-04-10